URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Erna Veldman**
ICandelo eliyiNtloko lezoLawulo lwezeMali
Erna.Veldman@westerncape.gov.za | 021 467 2544

Inombolo yefayili: 4/R
Isalathiso: 20230303-2120

ISetyhula: 0014/2023
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela-Balawuli, kuBaphathi beeSekethe nakumaGosa akwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili

Isishwankathelo esifutshane: *Inkqubo-sikhokelo yeSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe WCED) ukulungiselela ukwenziwa kweentlawulo ezikolweni/kwamanye amaziko karhulumente.*

**Isihloko: Inkqubo-sikhokelo yeSebe i*WCED ukulungiselela* ukwenziwa kweentlawulo ezikolweni/kwamanye amaziko karhulumente**

1. Le setyhula yongeza okubhalwe kwiSetyhula 0021/2022 yomhla we-05 Meyi 2022.

2. Kufuneka iSebe i-*WCED* liqinisekise ukuba yonke inkcitho-mali iyimfuneko, ifanelekile, iziindleko ezifanelekileyo, yaye irekhodiwe yaye kwenziwa nengxelo ngayo, njengoko kumiselwe kwinkqubo-sikhokelo yemithetho echaphazelekayo.

3. Le nkqubo ilandelayo yamkelwe liSebe i-*WCED* yaye iyasebenza ngokumalunga neentlawulo ezenziwa ngoomatshini ezikolweni:

3.1 ISebe i-*WCED* likuvumile ukulungelelaniswa kweentlawulo ezenziwa ngoomatshini ezikolweni ukwenzela ukuphunyezwa kweeprojekthi kwinqanaba lesikolo, kuthathelwa ingqalelo le misebenzi inokwenziwa zizikolo ilandelayo neyabelwe izikolo ngokoMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho 84 ka-1996) (ekubhekiswa kuwo apha ngokuba ngu*lo Mthetho)*:

3.1.1 apho isebe linqwenela ukwenza igalelo kwiinkqubo eziqhubekayo zesikolo kunye nokuxhasa ngokukodwa iprojekthi, ngokungqinelana neembophelelo zesebe ngokubanzi nezo zichazwe kwisiqendu 34 *salo Mthetho;*

3.1.2 apho isikolo sabelwe imisebenzi eyongezelelweyo ngokwesiqendu 21 salo Mthetho, equka ukulondolozwa nokuphuculwa kwepropathi yesikolo, ukumisela imisebenzi yesikolo eyenziwa emva kweyokufundisa, izifundo abanokukhetha kuzo, ukuthenga iincwadi zezifundo/iimathiriyeli/izixhobo zokufunda, iintlawulo zeenkonzo zesikolo, kuqukwa neefizi zikamasifundisane, kunye nawo nawuphi na omnye umsebenzi ofanelekileyo ongqinelana *nalo Mthetho*; kunye

3.1.3 nalapho iSebe i-*WCED* lifikelele kwimvumelwano nesikolo ngokumalunga nokuba isebe liya kwenza igalelo kwiprojekthi ngokwenza intlawulo eyenziwa ngoomatshini kwi-akhawunti ebhalisiweyo yesikolo ukulungiselela iprojekthi leyo.

3.2 Iiprojekthi ezivunyiweyo ezisezikolweni, nakuba oko kungaphelelanga apho, zenzelwe igalelo kwiinkqubo eziqhubekayo esikolweni, inkxaso yabafundi nemisebenzi yokufundisa (kuquka iimviwo zesikolo), ungenelelo ngoncedo kwikharityhulam, iimathiriyeli zokufunda nokufundisa, ifenitshala nezixhobo zesikolo, ngokunjalo neeprojekthi zokulondolozwa okanye ukuphuculwa kwepropathi yesikolo.

3.3 Iiprojekthi zezikolo ezivunyiweyo ukuba zenzelwe iintlawulo ezenziwa ngoomatshini azihambelani nazo naziphi na iinkonzo nezinto eziphambili emazenziwe lisebe ngokwemigaqo yesicwangciso sentsebenzo sesebe.

3.4 Zonke iintlawulo ezenziwa ngoomatshini ezivunyiweyo eziya ezikolweni mazihlolwe ngokungqongqo, kusetyenziswa isicwangciso sokwenziwa komsebenzi *(business plan*) esenziwe sisikolo, yaye kuboniswe nenkxaso-mali efunwa sisikolo ukuphumeza iprojekthi.

3.5 Naliphi na ibhunga lolawulo, malifake isicelo kwiNtloko yeSebe leMfundo, ngencwadi ebhaliweyo njengenxalenye yesicelo sesicwangciso sokwenziwa komsebenzi, ukuze labelwe umsebenzi ochaphazelekayo, ngokwesiqendu 21 salo Mthetho, ukuba loo msebenzi awabelwanga ibhunga lolawulo. Imvume elolu hlobo, ukuba ivunyiwe, iya kuphelela kuphela kwiinkonzo nezinto zeprojekthi eziza kwenziwa njengoko kucacisiwe kwisicelo sesicwangciso sokwenziwa komsebenzi sesikolo.

3.6 Iintlawulo ezenziwa ngoomatshini ezenzelwa le njongo ingasentla zifuna i-T*ransfer Payment Agreement* (*TPA*), ebandakanya okubhalwe kwiikhontenti zedrafti ye-*TPA* eqhotyoshelweyo (eqhotyoshelwe **njengesiHlomelo A**), nemayingeniswe ngokusayinwa ngawo omabini amaqela achaphazelekayo phambi kokuba kuqale iprojekthi ethile yesikolo eso. Umntu onegunya lokusayina weSebe i-*WCED,* ubuncinane makabe kwisikhundla sokuba nguMlawuli.

4. Ezi nkqubo zilandelayo zimalunga neendibano ezisemthethweni ezilungiselelwe ukwenziwa kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili.

4.1 Izikolo zeSebe i-*WCED* okanye nalo naliphi na iziko likarhulumente linokusetyenziselwa kuphela ukubambela kulo indibano esemthethweni yeSebe i-*WCED*, ukuba ifasilithi leyo ifumaneka ngaphandle kwentlawulo.

4.2 Nangona kunjalo, ukuba azikho iifasilithi ezifanelekileyo ezingahlawulwayo kwizikolo zeSebe i-*WCED* kunye/okanye kwamanye amasebe karhulumente okanye koomasipala, kuya kusebenza iinkqubo zokuthengwa kweempahla neenkonzo zikarhulumente eziqhelekileyo zokufumana iifasilithi nezokutyiswa kwabantu abakwindibano.

4.3 Nazo naziphi na iimpahla neenkonzo ezilolu hlobo ezifunekayo zingathengwa ngokwemimiselo yokuthengwa kwempahla neenkonzo ngokungqinelana nemiqathango ye-*Supply Chain Management* (*SCM*) emisela:

a) imfuno yokupapashwa kwempahla neenkonzo kwimalike evulelekileyo;
b) ukuba umboneleli-nkonzo kufuneka abhalise kwi-*Central Supplier Database* (*CSD*); kunye
c) nokufumana iikoteshini ezintathu ubuncinane.

4.4 Iinkonzo ezilolu hlobo zingathengwa ngenkqubo yokuthengwa kwempahla neenkonzo ezikolweni zeSebe i-*WCED* kunye/okanye kwamanye amasebe karhulumente okanye koomasipala, ukuba la maziko abhalisiwe kwiziko le-*CSD*. Iziko i-*CSD* lichaza iqela lababoneleli-nkonzo ekufuneka kuthengwe kubo ngenkqubo yokuthengwa kwempahla neenkonzo, yaye la maziko kufuneka akhethe ukuthatha inxaxheba kwinkqubo elandelwayo yokuthengwa kwempahla neenkonzo karhulumente evulelekileyo yokukhuphisana kwababoneleli-nkonzo.

4.5 Zonke iindibano ezisemthethweni neenkonzo ezinxulumene nazo ezilungiselelwe inkqubo yothengiselwano ukulungiselela ukusetyenziswa kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili zalatha iimpahla neenkonzo, ingezizo iintlawulo ezenziwa ngoomatshini njengokuba iimali zingabonwa njengeziza kuqhubela phambili imisebenzi eyenziwa zizikolo (okanye lelinye iziko likarhulumente elifanelekileyo) endaweni yoko, ibonwa njengekwenzela isebe iinkonzo isebe.

4.6 ISebe i-*WCED* kufuneka lithobele imiqathango yale setyhula, i-*National Treasury Regulations and Instructions*, i-*Provincial Treasury Instructions*, i-*Accounting Officer's System, i-SCM and* ne-*Financial Delegation of Powers* ezimalunga neenkqubo ezilandelwayo zokuthengwa kwempahla neenkonzo neentlawulo ukuthintela nayo nayiphi na inkcitho-mali engaqhelekanga, engagunyaziswanga, nengenanzuzo kunye/okanye eyilahleko.

5. Ezi khrayitheriya zokurekhodwa ziqhelekileyo zilandelayo ziya kusetyenziselwa injongo yolu xwebhu lwe-*WCED Framework for Payments to Schools/other Government Institutions* (olu xwebhu*)*:

| **Inombolo** | **Iikhrayitheriya zokurekhodwa (*Recognition criteria*)** | **Umzekelo wezalathi** | **Ukurekhodwa (*Recognition)*** |
|---|---|---|---|
| 1 | Ingaba iimali zinikwe i-entithi ukuhlawulela imisebenzi yayo ngokungqinelana nezigunyaziso ze-entithi ? | Imali yesibonelelo inikwa ii-entithi zikarhulumente ukuze zisebenze imisebenzi eziyigunyazisiweyo. Ezi mali zesibonelelo zinikwe ii-entithi zikarhulumente zicelwa ngokusebenzisa inkqubo yebhajethi. | Iintlawulo ezenziwa ngoomatshini |
| 2 | Ingaba ikhona inkqubo yothengiselwano engenalo utshintshiselwano (okt. Unike okuthile kodwa ungafumani nto eyimbuyekezo ngayo okanye ixabiso elincinci eliyimbuyekezo )? | Iyunithi karhulumente engafumani nantoni na efana/elingana nexabiso elo eyimbuyekezo yentlawulo ngokuthe ngqo yentlawulo eyenziwe ngoomatshini kwelinye iqela elichaphazelekayo, yalatha intlawulo engabuyiswanga. Isebe aliyifumani inzuzo eyimbuyekezo ngale ntlawulo yenziwe ngoomatshini. | Iintlawulo ezenziwa ngoomatshini |

| | | | |
|---|---|---|---|
| 3 | Ingaba isebe lingumnini/lingumxhasi weprojekthi? | Ukuba isebe linoxanduva lokwenza iprojekthi laze lacela enye i-entithi ukuba yenzele isebe imisebenzi enxulumene neprojekthi, oko kwalatha iimpahla neenkonzo, ingezizo iimali ezibonelelweyo ukulungiselela ukuqhubela phambili imisebenzi ye-entithi. | IiMpahla neeNkonzo |

5.1 Yonke inkcitho-mali elungelene neemfuno zokurekhodwa (recognition) kwentlawulo eyenziwa ngoomatshini ngokwenkqubo-sikhokelo:

5.1.1 Iya kuhlolwa ngokungqongqo ngokwesicwangciso sokwenziwa komsebenzi sesikolo, esib onakalisa inkxaso-mali efunwayo sisikolo ukuze senze iprojekthi;

5.1.2 iya kusetyenziselwa iprojekthi yesikolo kuphela enganxulumananga nayo nayiphi na imisebenzi ephambili emayenziwe yesebe ngokwesicwangciso sentsebenzo yesebe;

5.1.3 iya kuhlelwa njenge-*Transfers and Subsidies* kuxwebhu i-general ledger nakwiingxelo-mali (*financial statements*) zesebe; yaye

5.1.4 iya kufuna uxwebhu i-*TPA* olungqinisisiweyo ngokusemthethweni elisayinwe ngamaqela achaphazelekayo omabini, kuqukwa nesiqinisekiso esibhaliweyo ngokwecandelo 38(1)(j) loMthetho i-*Public Finance Management Act*, 1999 (*Act 1 of 1999*), ukuba isikolo seSebe i-*WCED* okanye nalo naliphi na elinye iziko likarhulumente eliphumeza ulawulo lwezemali ngokuyimpumelelo neesistim zolawulo lwangaphakathi ezisebenzayo, phambi kokuba kwenziwe iintlawulo.

5.2 Yonke inkcitho-mali elungelene neemfuno zokurekhodwa kweeMpahla neeNkonzo ngokwenkqubo-sikhokelo kuya kufuneka ukuba zifezekise oku kulandelayo:

5.2.1 Impahla neenkonzo zingathengwa ngenkqubo yokuthengwa kwempahla neenkonzo kuphela ngokungqinelana neemfuno zemiqathango ye-*SCM* emisela:

a) ukuba imfuno yeempahla neenkonzo kufuneka ipapashwe kwimalike evulelekileyo (*open market*);

b) ukuba umboneleli-nkonzo kufuneka abhalise kwiZiko i-*CSD*; kunye

c) nokuba kufuneka kufunyanwe iikoteshini ezintathu.

5.2.2 Kunokusetyenziswa izikolo zeSebe iWCED okanye naliphi na elinye iziko likarhulumente kuphela ukuba:

a) indawo enjalo ifumaneka ngaphandle kwentlawulo okanye

b) iziko libhalise kwiZiko i-*CSD*, elichaza iqela lababoneleli-nkonzo ekufuneka kuthengwe kubo ngenkqubo elandelwayo yokuthengwa kwempahla neenkonzo, yaye la maziko kufuneka akhethe ukuthatha inxaxheba kwinkqubo elandelwayo yokuthengwa kwempahla neenkonzo karhulumente evulelekele kukhuphiswano lwababoneleli-nkonzo.

5.2.3 Kufuneka ibe yiprojekthi yesebe yaye inxulumane nemisebenzi ephambili emayenziwe kwisebe ngokwesicwangciso sentsebenzo sesebe.

5.2.4 Inkcitho-mali kufuneka ihlelwe njengenkcitho-mali yangoku (IiMpahla neeNkonzo) ebhalwe kuxwebhu i-*general ledger* nakwingxelo-mali (*financial statements*) zesebe.

6. Kucelwa wazise okule setyhula bonke abasebenzi abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-LJ ELY
**INTLOKO EBAMBELEYO YESEBE LEMFUNDO**
**UMHLA:** 2023-05-02